# Lityumtyum ! E-Afrika ! ! Pulapula ! ! !

*U Yesaya 59 : 1-15.*

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Nanko u Yesaya esixelela
Masiyeke izitixo sotshabalala
Sadiala ngo Tixo wetu kubelungu
Nambla Izwe letu yingu yeshologu.

Hayi usizi kwizwe lenu Nontsizi
Ezinto wena zisibanga intsizi
Zisikumbuza imibla yemigqweto
Eyayambatwa ngo bawo o Mgqweto.

Mazibhunge izitixo zezalo
Amasiko azo akupa umx'elo
Ngenxa yawo asizazi nenqu zetu
Nezikulu zetu zonke zati qutu.

Hayi ukuhlala kwawo wodwa nomzi
Nokungenwa kwamasango alomzi
Obantu babenikwe Intsikelelo
Nambla simanga ngu Mzi wembande-
[zelo.

Lityumtyum ezindleleni ze Afrika
Nabalandelayo bobeta besotuka
Baqwab' izandla nabadiula ngendlela
Lomzi ungenayo nendawo yokudlela:

Intshaba zawo zatabata nembiza
Kwanezitshetshe nezitya zokutshiza
Nenkamba zonke kwanemihlakulwana
Yezizukulwana—kwizizukulwana.

Zay' koaxa i Afrika ngamakamandela
Nange Bhaibhile, Mipu, zay' kahlela
Lityumtyum namhlanje e Afrika
Lapum' Ilanga landicingis' u Tshaka.

Funda Izibhalo usimelele
I Tiyopiya ike ifakelele
Sipambene no Yesaya egoduka
Zipi i Bhaibhile namhla magqob'oka.

Namhlanje ifute lomlilo wazo
Ngati lidla indiza kwabeza nazo
Utini u Mprofeti u Yesaya ?
Wakugqiba ukubuqa uyakubuqwa.—

Baza amehlo kade ndandibona
Akakuxelelanga na u Ntsikana
Kwahlutwa makaya kunye no Bukosi
Yaqaba, gqob'oka bahamba ngepasi.

Nezidenge e Afrika mazivuke
E Dakapolis izidenge zavuka
E Jeriko zakangela nemfama
Mazibone namhla nezetu imfama.

Yabinza he Nkwenkwezi Isixelela
Zeniyeke izitixo notshabalala.
Lateta ne Xilongo lisibizile
Nanko "Umb'inqo" we Afrika uwile.

U Yehova Esimema ngako konke
U Yehova Esibiza ngamaconke
Taru Tshwangutshwangu Oludla Pezulu
Yeyako nemini Nto Elwa Ngezulu.

Camagu ! Bo ! !